

Need an amazing tutor?

www.teachme2.com/matric



Collected and collated by

teachme2



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2021

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha asi-7.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(40)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(20)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/ iflowutshati/ amagama angundoqo), hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
 - ICANDELO A: Imizuzu engama-75
 - ICANDELO B: Imizuzu engama-38
 - ICANDELO C: Imizuzu engama-37
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150–180. Sebenzisa imizuzu engama-60 kweli candelo.

UMBUZO 1

- 1.1 Mhla ndashiywa yibhasi [40]
- 1.2 Ukhuphiswano lwee-*IDOLS* eMzantsi Afrika [40]
- 1.3 Loo mini ndancedwa kukulazi ilungelo lam [40]
- 1.4 Utyelelo emyuziyam [40]
- 1.5 Bhala isincoko ngalo mfanekiso ulandelayo. Sinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.

1.5.1

[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

1.5.2



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-google.co.za]

[40]

1.5.3



Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za

[40]

1.5.4



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

AMANQAKU ECANDELO A:

[40]

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60–80 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2**2.1 INGXELO**

Bhala ingxelo yentlanganiso yolutsha ebeninayo malunga nendlela yokuziphatha kolutsha lwendawo ohlala kuyo.

[20]**2.2 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela utata wakho ileta umbulele ngegalelo lakhe lokukufundisa ukupheka.

[20]**2.3 ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kuSomashishini okwidolophu ohlala kuyo ucele umsebenzi wethutyana.

[20]**2.4 IRIVYU**

Bhala irivyu yencwadi oyifundileyo.

[20]**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

Khetha umhlathi omfutshane ubemNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-40–60 (umxholo kuphela).

UMBUZO 3**3.1 IFLAYA**

Bhala iflaya usazisa abafundi ngepikiniki eniza kubanayo esikolweni.


[20]**3.2 IPOSIKHADI**

Bhalela udade wenu iposikhadi umxelela ngeendaba ezimnandi zokudibana kwakho nomntu odumileyo kwezomculo.

[20]**3.3 IZALATHISI**

Usisi wakho ufuna ukuya esibhedlele. Indlela akayazi.

Mbhalele izalathisi zokuya khona ulandela izikhombisi. Qalela ukusuka kwikona yeBond Street.



[Lo mfanekiso uthatyathwe kwi-google.co.za]

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80